



human settlements

Department:
Human Settlements
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

INCWADI YOMTHETHO WOKUKHUTHAZWA KOFIKELELO KULWAZI (PROMOTION OF ACCESS TO INFORMATION ACT) (PAIA)

*Ilungiswe ngokweCandelo le-14 lomThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi,
2000
(UmThetho oyiNombolo yesi-2 ka-2000)*

ISBN NUMBER: 978-0-620-73815-6

2016-2017

Iziqulatho

INTSHAYELELO	iv
INKCAZO YAMAGAMA	vii
1. INTSHAYELELO	1
2. IINJONGO ZOMTHETHO	1
3. INJONGO YENCWADI	1
4. ISIKHOKELO SOKUBA UYISEBENZISA NJANI I-PAIA (ICANDELO LE-10).....	2
5. ULWAZI LOQHAGAMSHELWANO.....	2
6. IGUNYA LOMTHETHO ELAZISA IMISEBENZI YESEBE	3
7. IMISEBENZI KUNYE NOKWAKHIWA KWESEBE LEENDAWO ZOKUHLALISWA KWABANTU	3
7.1. ISISHWANKATHELO SESICWANGCISO	3
7.2. UKWAKHIWA KWEQUMRHU LESEBE	4
7.3. IINKONZO EZINIKWA LISEBE	5
7.4. IINKQUBO ZESEBE	7
8. UFIKELELO KWIIREKHODI EZIGCINWE LISEBE	9
8.1. IINDIDI ZEEREKHODI EZIGCINWE LISEBE	9
9. INKQUBO YOKUCELA UFIKELELO KULWAZI	20
9.1. NGUBANI ONGACELA ULWAZI?	20
9.2. INDLELA YOKUFIKELELA KULWAZI	20
9.2.1. IIREKHODI EZIFUMANEKA NGAPHANDLE KWESICELO.....	20
9.2.2. IZICELO ZOMNXEBA	20
9.2.3. IZICELO ZOMLOMO	20
9.3. IZICELO EZISESIKWENI NGOKWEEMFUNENI ZE-PAIA	21
9.4. AMAXESHA EKULINDELEKE UKUBA KUJONGWE NGAWO IZICELO	21
9.5. IIMALI EZIHLAWULWAYO	21
9.5.1. IMALI YESICELO ENGABUYISWAYO	22
9.5.2. IMALI EHLAWULELWA UFIKELELO	22
9.5.3. IIDIPHOSITHI	22
9.5.4. UNYENYISO.....	23
10. UFIKELELO OLWALIWEYO KUNYE NEZIBHENO	23
10.1. IMIHLABA YOKWALA	23
10.2. UKUXELA OKUGUNYAZISIWEYO NGOKUSEMDLENI WOLUNTU	23
10.3. UKUTHATHA NGOKUBA SIYALIWA ISICELO.....	23
10.4. AMANYATHELO UKUBA SIYALIWA ISICELO SOFIKELELO	23
10.4.1. ISIBHENO SANGAPHAKATHI	24
10.4.2. UKUFAKA ISIBHENO SANGAPHAKATHI	24
10.4.3. USEKELA GOSA LOLWAZI KUFUNEKA ADLULISELE ISIBHENO SANGAPHAKATHI KUGUNYAZIWE OFANELEKILEYO	24
10.5. ISICELO ESIYA ENKUNDLENI	24
11. UKUFUMANEKA KWENCWADI	24
12. UKUHLAZIYWA NOKUJONGWA KWAKHONA KWENCWADI	24

IZIHLOMELO

A	limali ezihlawulwayo
B	Ifom A: Isicelo sofikelelo
C	Ifom B: Isibheni sangaphakathi

INTSHAYELELO

ICandelo lama-32 loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 (uMgaqo-siseko) linika wonke umntu ilungelo lofikelelo kulo naluphi na ulwazi wazi olugcinwe ngurhulumente okanye ngomnye umntu kwaye olufunekayo ukusebenzisa okanye ukukhusela naliphi na ilungelo.

UmThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi, 2000 (umThetho oyiNombolo yesi-2 ka-2000) (PAIA) ekuphunyenzweni kwala malungelo, ingakumbi-

- Linika onke amaqumrhu karhulumente uxanduva lokuququzelela ufikelelo loluntu kulwazi/i(ii)rekhodi eziphantsi kogcino lwawo;
- Libonelela ngenkqubo-sikhokelo kunye neenkqubo kuluntu ukuba lusebenzise ilungelo lalo lomgaqo-siseko kulwazi ngokulula, ngokungabiziyo kunye nokungabikho kweenzame ngokufaneleke kangangoko;
- Limisela iindlela ezo amaqumrhu karhulumente ekufuneka alungise ngazo, ukuququzelela ufikelelo kulwazi olunjalo ngamalungu oluntu; kwaye
- Lixela iimeko ezo olu fikelelo lunyiniweyo luza kusebenza ngazo, kuqkwa nezo zinxulumene nolwazi lobuqu, lwezorhwebo, lwezimali, lobuchwepheshe okanye lwezululwazi olumalunga neqela lesithathu, ulwazi olunokuchaphazela iinkqubo zenkundla okanye zamapolisa kwiinkqubo zebheyile ngokunjalo nakwiindidi ezithile zolwazi olunxulumene neeNkonzo zeRhafu zoMzantsi Afrika.

Ngokungathandabuzekiyo ikhona imida ekuphunyenzweni kwamalungelo oluntu njengoko kuxeliwe kwicandelo lama-36 loMgaqo-siseko kunye neCandelo lama-33 ukuya kwelama-45 lomThetho we-PAIA, ngokulandelelana.

Ngokungqinelana neemfuneko zomthetho ze-PAIA kunye nokufaka isandla ekukhuthazeni ukungafihli kwisebe, ukuthatha uxanduva kunye nolawulo olusebenzayo, iSebe lezokuHlaliswa kwabaNtu liye lakhupha incwadi njengendlela yokuququzelela ufikelelo loluntu kulwazi/i(ii)rekhodi eziphantsi kogcino lwalo.

Kuyathenjwa ukuba le ncwadi iza kusebenza njengomgangatho/isixhobo esisebenzayo sokunika uluntu ulwazi olubalulekileyo lokwenza ukuba lusebenzise ilungelo lalo lofikelelo kulwazi oluphantsi kogcino lweSebe.



M.TSHANGANA
UMLAWULI JIKELELE
ISEBE LEENDAWU ZOKUHLALISWA KWABANTU
UMHLA: 19/09/2016

IZIFINYEZO

BAS	: Basic Accounting System (IiNgxelo zeNkqubo yoCwangciso -mali esiSiseko)
BNG	: Breaking New Grounds (uKwenza okwaHlukileyo)
CD	: Chief Director (UMlawuli oyiNtloko)
CSOS	: Community Scheme Ombud Services (IiNkonzo zoMmeli weSikim soluNtu)
DDG	: Deputy Director-General (Sekela Mlawuli Jikelele)
DFI	: Development Finance Institutions (amaZiko eNkxaso yoPhuhliso)
DHS	: Department of Human Settlements (ISebe lezokuHlaliswa kwabaNtu) (“iSebe”)
DIO	: Deputy Information Officer (Sekela Gosa loLwazi)(elonyulwe ngokwecandelo le-17 le-PAIA)
EAAB	: Estate Agency Affairs Board (iBhodi yeMicimbi yee-Arhente zeziNdlu)
FLISP	: Finance Linked Individual Subsidy Programme (INkqubo yeNkxaso yomNtu EDityaniswe kwiMali)
HDA	: Housing Development Agency (I-Arhente yoPhuhliso lweziNdlu)
HR	: Human Resource (ImiCimbi eNxulumene nabaSebenzi)
HS	: Human Settlements (iiNdawo zokuHlala abaNtu)
HSDG	: Human Settlements Development Grant (INkxaso yoPhuhliso lweNdawo ZokuHlala abaNtu)
HSS	: Housing Subsidy System (INkqubo yeNkxaso yeziNdlu)
I-ICT	: Information and Communication Technology (ubuChwepheshe boLwazi noNxibelelwano)
IO	: Information Officer (uMlawuli -Jikelele weSebe)
MEIA	: Monitoring, Evaluation and Impact Assessment (ukuHlola, ukuJonga kunye noHlolo lweMpembelelo)
NHBRC	: National Home Builders Registration Council (IBhunga loBhaliso lwaBakhi beziNdlu leSizwe)
NHFC	: National Housing Finance Corporation (IQumrhu leNkxaso yeziNdlu leSizwe)
NURCHA	: National Urban Reconstruction and Housing Agency (I-Arhente yoKwakha kunye neziNdlu zaseziDolophini yeSizwe)
PAIA	: Promotion of Access to Information Act, 2000 (Act No.2 of 2000) (UmThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi), 2000 (umThetho wesi-2 ka-2000)
PDHS	: Provincial Department of Human Settlement (: ISebe lePhondo leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu)
PHP	: People's Human Settlement Process (iNkqubo yabaNtu yeeNdawo zokuHlaliswa)

	kwabaNtu)
RHLF	: Rural Housing Loan Fund (INgxowa-mali yeMali-Mboleko yeziNdlu yaseMaphandleni)
SABC	: South African Broadcasting Corporation (iQumrhu loSasazo loMzantsi Afrika)
SAHRC	: South African Human Rights Commission (iKomishoni yamaLungelo oluNtu yoMzantsi Afrika)
SALGA	: South African Local Government Association (UMbutho wooRhulumente beNgingqi woMzantsi Afrika)
SHRA	: Social Housing Regulatory Authority (UGunyaziwe oLawula iziNdlu zasekuHlalani)
SLA's	: Service Level Agreements (iZivumelwano zeNqanaba leNkonzo)
USDG	: Urban Settlement Development Grant (INkxaso yoPhuhliso lweNdawo zokuHlala abaNtu eziDolophini)

INKCAZO YAMAGAMA

	Igama	INkcazo/iNkcazelo
1.	IMali ehlawulelwa ufikelelo	Imali ehlawulwa ngumceli yokukhangela, ukulungisa kunye nokuvelisa iirekhodi eziceliweyo, njengoko kumiselwe yi- PAIA iCandelo lama-22(6).
2.	UmThetho	UmThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi, 2000 (umThetho wesi-2 ka-2000) ekuKwabhekiselwa kuwo njenge-PAIA opkanye 'umThetho'.
3.	ISebe	ISebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu. Ekukwabhekiselwa kulo njenge-DHS.
4.	USEkela Gosa loLwazi (Deputy Information Officer) (DIO)	Umntu owonyulwe nguMlawuli-Jikelele ukuba anike iqumrhu likarhulumente ufikelelo kangangoko kufanelekile kubaceli beerekhodi zalo njengoko kuxeliwe kwi-PAIA iCandelo le-17(1).
5.	Isikhokelo	Uxwebhu okanye incwadi ekhutshwe yiKomishoni yamaLungelo oluNtu yoMzantsi Afrika ngeenjongo zokunceda nawuphi na umntu onqwenela ukusebenzisa naliphi na ilungelo ngokwe-PAIA njengoko kuxeliwe kwiCandelo le-10.
6.	IGosa loLwazi (Information Officer) (IO)	UMlawuli Jikelele weSebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu njengoko kuchaziwe kwi-PAIA icandelo loku-1.
7.	Isibheni sangaphakathi	Isibheni kwisigqibo sokwala ufikelelo kulwazi, njengoko kuxeliwe kwi-PAIA icandelo lama-74.
8.	ULwazi lobuQu	Ulwazi olumalunga nomntu onokwaziwa, kuquka kodwa kungamiselwanga mda ngokunxulumene nohlanga, isini, ubuni, ukukhulelwa, isimo somtshato, imvelaphi yobuzwe okanye yentlalo, umbala, indlela okhetha ukuziphilela ngayo ngokwesini, iminyaka, impilo yomzimba okanye yengqondo, ukuphila, ukukhubazeka, inkolo, isazela, inkolelo, inkcubeko, Ulwimi kunye nokuzalwa komntu njengoko kuchaziwe kwi-PAIA iCandelo loku-1.
9.	UMceli wobuqu	Umntu ofuna ufikelelo kulwazi/irekhodi equlethe ulwazi lobuqu malunga naye njengoko kuchaziwe kwi-PAIA iCandelo loku-1.
10.	Iqumrhu likarhulumente	Naliphi na isebe likarhulumente okanye ulawulo kwicandelo likarhulumente lesizwe okanye lephondo, nawuphi na umasipala kwicandelo lengingqi likarhulumente okanye iziko elenza umsebenzi karhulumente ngokwawo nawuphi na umthetho njengoko kuchaziwe kwi-PAIA icandelo loku-1. Ekukwabhekiselwa kulo njengequmrhu okanye isebe likarhulumente.
11.	Irekhodi	Naluphi na ulwazi olurekhodiweyo, ngalo naluphi na uhlobo phantsi kogcino lwe-DHS njengoko kuchaziwe yi-PAIA icandelo loku-1.
12.	Ezifumaneka ngaphandle kwesicelo	Iirekhodi ekunokufikelwa kuzo ngaphandle kokuba umntu acele ufikelelo ngokomThetho njengoko kuxeliwe kwiCandelo le-15(1)(a) le-PAIA.
13.	Ezifumaneka ngesicelo	Iirekhodi ekunokufikelelwa kuzo ngokulandela iinqubo ze-PAIA njengoko kuxeliwe kwi-PAIA icandelo le-11 nele-18; ufikelelo kwezi rekhodi lunokwaliwa ngokusekelwe kumacandelo elama-33 kunye nelama-45 lomThetho.
14.	Ugunyaziwe	UMphathiswa weSebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu okanye

	obandakanyekayo	umntu owonyuliweyo ngokubhalwe phantsi nguMphathiswa osebenza ngeziBheno zangaPhakathi njengoko kuchaziwe kwi-PAIA icandelo loku-1.
15.	Imali ehlawulelwa isicelo	Imali ehlawulwayo engabuyiswayo ehlawulwa ngumcelixa engenisa isicelo sofikelelo ngokwamagatya e-PAIA iCandelo lama-22(1). (UMceli wobuQu onyenyiselweyo ukuhlawula imali ehlawulelwa isicelo).
16.	Isicelo sofikelelo	Isicelo sofikelelo kwirekhodi okanye iirekhodi ezigcinwe liSebe esenziwe ngokungqinelana ne-PAIA iCandelo lesi-8 nele-11.
17.	Umceli	Nawuphi na umntu owenza isicelo sofikelelo kulwazi okanye iirekhodi ze-DHS okanye umntu owenza egameni lomntu ocela ulwazi njengoko kuxeliwe kwi-PAIA icandelo loku-1.
18.	Iqela lesithathu	Nawuphi na umntu, kuqukwa, kodwa kungamiselanga mda, kurhulumente welizwe elithile, umbutho wamazwe ngamazwe okanye iziko laloo rhulumente okanye umbutho ngaphandle komceli obandakanyekayo kunye nequmrhu likarhulumente njengoko kuchaziwe kwi-PAIA icandelo loku-1.
19.	Iintsuku zokusebenza	Naluphina usuku ngaphandle koMgqibelo, iCawe okanye iholide kawonke-wonke njengoko kuchaziwe kwi-PAIA icandelo loku-1.

1. INTSHAYELELO

Le ncwadi iqulunqwe njengemfuneko yomthetho ekuthobeleni amagatya ecandelo le-14 lomThetho wokuKhuthaza uFikelelo kuLwazi (oyiNombolo yesi-2 ka-2000), (PAIA) eligunyazisa onke amaqumrhu karhulumente ukuba aqulunqe kwaye apapashe incwadi ekhombisa ulwazi/iirekhodi eziphantsi kogcino lwalo esele zilungele ukufumaneka kuluntu, ngokunjalo nezo kufuneka zicelwe ngokwamagatya omThetho.

Le ncwadi imele kuphela iSebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu kwaye ayiquki ulwazi/iirekhodi zamaSebe awohlukeneyo amaPhondo.

2. IINJONGO ZOMTHETHO

Iinjongo ze-PAIA ngokwecandelo le-9 zezi –

- Ukwenza kusebenze ilungelo lomgaqo-siseko kulwazi olugcinwe ngurhulumente kunye nalo nalphi na ulwazi olugcinwe ngomnye umntu okanye ukhuselo lwalo nalphi na ilungelo;
- Ukwenza kusebenze ilungelo lofikelelo kulwazi; ngokuxhomekeke kwimida enobulingisa, kuqukwa, kodwa kungamiselwanga mda, kwimida joliswe kukhuselo olufanelekileyo lobucala, ubumfihlo bezorhwebo kunye nolawulo olusebenzayo, olwaneleyo nolulungileyo; kunye nangendlela engqinelanisa elo lungelo kunye nawo nawaphi na amanye amalungelo, kuqukwa namalungelo akukuMqulu wamaLungelo kwiSahluko sesi-2 soMgaqo-siseko;
- Ukwenza kusebenze izibophelelo zomgaqo-siseko zikarhulumente zokuphakamisa inkcubeko yamalungelo oluntu kunye nobulungisa kwezentlalo;
- Ukuseka iindlela okanye iinkqubo zokuzithandela kunye nezigunyazisiweyo zokwenza kusebenze ilungelo lofikelelo kulwazi ngendlela eyenza ukuba abantu bakwazi ukufumana iirekhodi zamaqumrhu karhulumente nawabucala ngokulula, ngokungabiziyo kunye nokungabikho kweenzame ngokufaneleke kangangoko; kunye
- Nokukhuthaza ukungafihli, ukuthatha uxanduva kunye nolawulo olusebenzayo lwawo onke amaqumrhu karhulumente nawabucala.

3. INJONGO YENCWADI

Le ncwadi yenzelwe:

- Ukubonelela ngolwazi ngokwakhiwa, imisebenzi kunye neenkonzo ezinikwa liSebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu (Department of Human Settlements) (DHS) kuluntu kunye nokuba ufikelela njani kuzo;
- Ukunika ulwazi malunga nolwazi loqhagamshelwano lwesebe kuqukwa iinkcukacha zeposi, iidilesi zesitalato neposi yelectroniki; iinombolo zomnxeba nefeksi zeGosa loLwazi kunye noSekela Gosa loLwazi (Deputy Information Officer) (DIO);
- Ukunika uluhlu lweerekhodi ezifumaneka ngaphandle kwesicelo eziphantsi kogcino lwesebe;
- Ukuxela iinkqubo emazilandelwe ngamalungu oluntu ukufikelela kulwazi oluphantsi kogcino lwe-DHS, ngokungqinelana namagatya e-PAIA.

4. ISIKHOKELO SOKUBA UYISEBENZISA NJANI I-PAIA (ICANDELO LE-10)

IKomishoni yamaLungelo oluNtu yoMzantsi Afrika (South African Human Rights Commission) (SAHRC), iqulunqe isikhokelo ngokusetyenziswa kwe- PAIA, njengoko kumiselwe licandelo le-10 lomThetho. Isikhokelo sifumaneka kwii-ofisi ze-SAHRC.

I-Ofisi enguNdlunkulu
IKomishoni yamaLungelo oluNtu yoMzantsi Afrika
33 Hoofd Street
Forum III - Braampark
Braamfontein
Johannesburg, Gauteng
2014

INombolo yomNxeba: +27 11 877 3600/3803
Inombolo yefeksi: +27 11 403 0625
Idilesi ye-imeyile: paia@sahrc.org.za
Iwebhusayithi: www.sahrc.org.za

5. ULWAZI LOQHAGAMSHELWANO

5.1. IGosa loLwazi (Information Officer) (IO)

Njengoko kubonelelwe kumThetho, Umlawuli-Jikelele yi-IO.

Umlawuli Jikelele: Mnu M Tshangana
Mnxeba: +27 12 421 1486/1312/444 5246
Ifeksi: +27 12 421 2998
I-imeyile: InformationOfficer@dhs.gov.za

5.2. USekela Gosa loLwazi (Deputy Information Officer) (DIO)

Umlawuli oyiNtloko: iNkxaso yeQumrhu wonyulwe njenge-DIO, njengoko kunikiwe kwicandelo 17(1) lomThetho.

USekela Gosa loLwazi: Mnu M Moerane
Mnxeba: +27 12 444 9006
Ifeksi: +27 86 510 8601
I-imeyile: DeputyInformationOfficer@dhs.gov.za

5.3. IYunithi ye-PAIA

Iyunithi ye-PAIA iququzelela ulungiselelo lofikelelo lukawonke-wonke kulwazi lwesebe.

Mnxeba: +27 12 444 9045/57/58
Ifeksi: 086 4711939
I-imeyile: paia@dhs.gov.za

5.4. Ulwazi jikelele

IDilesi yePosi: Private Bag X644
PRETORIA
0001
IDilesi yeSitalato: Govan Mbeki House
240 Justice Mahomed Street
PRETORIA
0002
Mnxeba: +27 12 421 1311
Ifeksi: +27 12 341 8512/+27 12 444 9000
I-imeyile: info@dhs.gov.za
IWebhusayithi: www.dhs.gov.za

6. IGUNYA LOMTHETHO ELAZISA IMISEBENZI YESEBE

- UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996
- UmThetho weziNdlu, 1997 (umThetho oyiNombolo ye-107 ka-1997)
- OkuTsha: UYilo oluBanzi lokuDalwa kweeNdawo zokuHlala abaNtu eziziNzileyo
- UmThetho oYilwayo oQukayo weziNdlu (2007)
- UmThetho wamaNyathelo oKhuselo lwabaXhasi beziNdlu oTshintshayo, 2007 (umThetho oyiNombolo ye-17 ka-2007)
- UmThetho we-Arhente yoPhuhliso lweziNdlu, 2008 (umThetho oyiNombolo yama-23 ka-2008)
- UmThetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (umThetho woku-1 ka-1999) njengoko utshintshwe ngumThetho wama-29
- UmThetho weziNdlu zasekuHlalani, 2008 (umThetho oyiNombolo ye-16 ka-2008)
- UmThetho wokuHlulwa kweNgeniso, 2015 (umThetho woku-1 ka-2015) njengoko utshintshiwe
- UmThetho weNgqesho yeziNdlu, 1999 (umThetho oyiNombolo yama-50 ka-1999)
- UmThetho weNgqesho yeziNdlu oTshintshiweyo, 2007 (umThetho oyiNombolo yama-43 ka-2007)
- UmThetho wokuXela iMali-Mboleko yeziNdlu neBhondi, 2000 (umThetho oyiNombolo yama-63 ka-2000)
- UmThetho woLawulo lweziKim zeeTayitile eziHlanganyelweyo, 2011 (umThetho oyiNombolo yesi-8 ka-2011)
- UmThetho weNkonzo yoMmeli weziKim zoluNtu, 2011 (umThetho oyiNombolo ye-9 ka-2011)
- INkqubo-sikhokelo yoNxulumano olukooRhulumente, 2005 (umThetho oyiNombolo ye-13 ka-2005)
- UmThetho oThintela ukuKhutshwa okungekho mThethweni kunye nokuHlala okungekho mThethweni eMhlabeni, 1998 (umThetho oyiNombolo ye-19 ka-1998)
- UmThetho weMicimbi eNxulumene nokuQeshisa nokuThengiswa kweziNdlu, 1976 (umThetho oyiNombolo ye-112 ka-1976)
- ISicwangciso soPhuhliso seSizwe

7. IMISEBENZI KUNYE NOKWAKHIWA KWESEBE LEENDAWO ZOKUHLALISWA KWABANTU

7.1. ISISHWANKATHELO SESICWANGCISO

7.1.1. UMBONO: Isizwe esihlaliswe kwiindawo zokuhlaliswa abantu ezizinzileyo.


7.1.2. IMISHINI: Ukuququzelela ukudalwa kweendawo zokuhlaliswa kwabantu ezizinzileyo kunye nomgangatho ophucukileyo wobomi bemizi.

7.1.3. IINQOBO EZISEMGANGATHWENI

Iinqobo ezisemgangathweni ezingundoqo ezikhokela kunye nezilawula isebe zisekelwe kuMgaqo-siseko kunye nemithetho exhasayo kwaye ziquka:

- Ukuthatha uxanduva
- Ubulungisa nolingano
- Ukhetho, umgangatho nofikelelo
- Uzinzo
- Ukuveza izinto ezintsha
- Imithetho-siseko yeBatho Pele

7.2. UKWAKHIWA KWEQUMRHU LESEBE



7.3. IINKONZO EZINIKWA LISEBE

ISebe okungundoqo:

- Liseka kwaye ligcine umgaqo-nkqubo kunye nenkqubo-sikhokelo yomthetho efunekayo ekuququzelelweni kwenjongo yeendawo zokuhlala abantu ezizinzileyo nezihlanganisiweyo engqinelana nenjongo karhulumente kunye negunya lesebe; kunye
- Nokququzelela ukwaba ngokulinganayo kolwabiwo lonyaka kumaphondo kunye noomasipala kwiindawo zokuhlaliswa kwabantu, ukuphuhlisa kwezakhiwo kunye nokufunyanwa komhlaba.

Ukongeza kwindima edlalwa ngamaphondo kunye noomasipala ngokuphathelene neendawo zokuhlaliswa kwabantu, la maziko esizwe alandelayo asekiwe ukuze aququzelele iimfuno zecandelo ezinxululeme neendawo zokuhlaliswa kwabantu:

Amaziko:	Iinkonzo:	Iiklayenti:	Fumana ulwazi kwi:
Bhodi yeMicimbi yee-Arhente zeziNdlu (Estate Agency Affairs Board) (EAAB)	<ul style="list-style-type: none"> • Ukulawula, ukulungisa nokukhuthaza umgangatho wokuziphatha -wee-arhente zezindlu ngokuphathelene nomdla woluntu; • Ukukhupha izitifiketi zengxowa-mali yohlobo oluthile lwe-inshurensi (fidelity) kubafaki zicelo abafanelekileyo; • Ukumisela umgangatho woqeqesho lwee-arhente zezindlu; • Ukuphanda izikhalazo ezibhekiselwe kwii-rhente zezindlu kunye nokumisela iinkqubo zoluleko kwezo arhente zezindlu apho kufunekayo; kunye • Nokulawula nokuphatha ingxowa-mali ye-inshurensi ethile yee-arhente zezindlu. 	Abaxhasi bezezindlu kunye nee-arhente zezindlu.	Ii-ofisi ze-DHS, EAAB.
INkonzo yoMmeli weziKim zoluNtu (Community Schemes Ombud Service) (CSOS)	<ul style="list-style-type: none"> • Ukunika inkonzo yokusonjululwa lwezikhalazo kwizikim zoluntu; • Ukunika uqeqesho kubaxolelanisi, abagwebi kunye nabanye abasebenzi beseva; • Ukulawulo, ukuhlola kunye nokuphatha umgangatho wawo onke amaxwebhu olawulo lwezikim; kunye • Nokugcina, ukulondoloza nokunika ufikelelo loluntu kumaxwebhu olawulo lwezikim. 	Amaqumrhu ezikim zoluntu, Abanini kunye nabahlali beeyunithi zezikim zoluntu.	I-DHS, ii-ofisi ze-CSOS.

Amaziko:	linkonzo:	liklayenti:	Fumana ulwazi kwi:
I-Arhente yoPhuhliso lweziNdlu (Housing Development Agency) (HDA)	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuchonga, ukufumana, ukubamba, ukuphuhlisa kunye nokukhulula umhlaba kunye nezakhiwo zophuhliso lwezindlu neendawo zokuhlala abantu ezikwindawo entle. • Ukubonelela ngenkxaso yolawulo lweprojekthi kunye neenkonziso zophuhliso lwezindlu. 	AbaXhasi bezeziNdlu, abaPhuhlisi kunye namaqumrhu karhulumente (oomasipala kunye nabambhaxa).	I-DHS, PDHS, OoMasipala, ii-ofisi ze-HDA.
IBhunga loBhaliso lwaBakhi beziNdlu leSizwe (National Home Builders Registration Council) (NHBRC)	<ul style="list-style-type: none"> • Ukulawula imo enmgoqngwe ukwakhiwa kwezindlu ngokubhaliswa kwezindlu kunye neenkqubo zokubhaliswa kwezindlu; • Ukukhusela abaxhasi bezindlu ngeziphene kwizakhiwo ngoholo lwezakhiwo kunye nolawulo loqiniseko lwerizevu, • Ukukhuthaza ubuchwepheshe obutsha bokwakha izindlu; kunye • Nokumisela imigangatho yokwakhiwa kwezindlu kunye nokuphucula ukuba nako kwabakhi bezindlu ngoqeqesho. 	Abaxhasi bezezindlu kunye nabakhi bezindlu.	DHS, PDHS, Oomasipala, ii-ofisi ze-NHBRC.
I-Arhente yoKwakha kunye neziNdlu zaseziDolophini yeSizwe (National Urban Reconstruction and Housing Agency) (NURCHA)	<ul style="list-style-type: none"> • Ukubonelela ngenkxaso yokuvala isikhewu kubakhi abancinane, abaphakathi kunye nabazinzileyo abakha izindlu zemali encinane kunye nephakathi, enzinxulumene nezibonelelo kunye nezakhiwo zoluntu; kunye • Nokunika inkqubo kunye neenkonziso zolawulo lwenkxaso. 	AbeeKontraki kunye naBakhi.	I-DHS, PDHS, OoMasipala, ii-ofisi ze-NURCHA.
IQumrhu leNkxaso yeziNdlu leSizwe (National Housing Finance Corporation) [NHFC]	<ul style="list-style-type: none"> • Ukubonelela ngezisombululo zemali eziveza okutsha nezifikelelekayo zenkxaso yezindlu kwimarike enengeniso esezantsi ukuya kwephakathi. • I-NHFC inika ezi nkonziso zilandelayo: • Iimali o-mboleko zethuba lengqesho zabucala, • Izibonelelo zeNgqesho yeziNdlu zasekuHlalani, 	Abarhola imali encinane, amaziko ezindlu azinzileyo, amaziko ezindlu asekuhlaleni, abakhi, abameli borhwebo abangabhankiyo kunye nebhanki eziboleka imizi ehluphekayo.	I-DHS, PDHS, oomasipala; li-ofisi ze-NHFC.

Amaziko:	linkonzo:	liklayenti:	Fumana ulwazi kwi:
	<ul style="list-style-type: none"> • Ukunika inkxaso abakhi • Izibonelelo zokunyuswa kwezindlu zewholiseyile • Izibonelelo zobunini khaya zewholiseyile, • ULawulo lweNkqubo yeNkxaso yomNtu eDityaniswe kwiMali (Administration of the Finance Linked Individual Subsidy Programme) (FLISP) 		
INGxowa-mali yeMali-Mboleko yeziNdlu yaseMaphandleni (Rural Housing Loan Fund) (RHFL)	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuxhobisa imizu engengeniso esezantsi kwimimandla yasemaphandleni ukuba ifikelele kwikhredithi yezindlu. • Isebenza njengomboleki wewholiseyile kwaye yiloo nto ifumana igunya layo ngokunika iimali-mboleko ngabameli borhwebo kwimarike ejolise kuyo ukuba isetyenziselwe iinjongo zokonyusa ezezindlu. 	Abameli borhwebo abangabhankiyo	I-DHS, PDHS, oMasipala, ii-ofisi ze-RHFL.
UGunyaziwe oLawula iziNdlu zasekuHlaleneni (Social Housing Regulatory Authority) (SHRA)	<ul style="list-style-type: none"> • Ukulawula icandelo lezindlu lasekuhlaleni loMzantsi Afrika; • Ukuvunywa, ulawulo nokukhuthswa kotyalo-mali lweziko kunye neenkxaso eziyinkunzi (eyaziwa ngokuba yiNkxaso yokuLungisa ngokuTsha iNkunzi kunye neNkxaso yoTyalo-mali yeZiko). 	AmaZiko eziNdlu asekuHlaleneni, abakhi babucala.	DHS, PDHS, OoMasipala, ii-ofisi ze-SHRA.

7.4. IINKQUBO ZESEBE

ICandelo loku-1: Ulawulo	<p>Injongo: Ukunika ubunkokheli besicwangciso, ukonganyelwa kolawulo kunye nenkxaso eyimfuneko kunye nokukhuthaza isebe kunye nee-arhente ezithobelayo nezisebenza kakuhle.</p> <p>Injongo zeSicwangciso</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukunika ubunkokheli besicwangciso, ulawulo kunye nokongamela okusebenzayo: i-Ofisi yoMphathiswa ibonelela ngobunkokheli nomgaqo-nkqubo kwisebe leeNdawo zokuHlala; • Ulawulo lwezimali kunye nolawulo lwangaphakathi lusebenze: I-Ofisi yoMlawuli Jikelele inika ulawulo xa lulonke kwisebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu kwaye lilawula uphicotho-ncwadi lwangaphakathi lwengozi kunye neenkonziso ezikhethekileyo zophando; • Inkxaso yoLawulo kunye neyeMisebenzi, iinkqubo (imicimbi yabasebenzi, unxibelelwano, uphicotho-ncwadi lwangaphakathi, inkxaso yequmrhu kunye neenkonziso zomthetho) ezisebenzayo nezinempumelelo ekukhuthazeni umbutho omanyene ngaphakathi kwaye
---------------------------------	---

	<p>ozinzileyo: iiNkonzo zeQumrhu zibonelela ngenkxaso ngokoLawulo lweMicimbi yabaSebenzi, ubuChwepheshe boLwazi noNxibelelwano (Information and Communication Technology) (ICT), iiNkonzo zomThetho, iiNkonzo zoNxibelelwano kunye noCholacholo Ndaba kunye neNkxaso yeQumrhu.</p>
<p>ICandelo lesi-2: ISicwangciso, uMgaqo-nkqubo, noYilo lweSebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu.</p>	<p>Injongo: Lilawula ukuphuhlisa kwemigaqo-nkqubo nezicwangciso zeSebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu ukuba liphuhle kwaye liphumeze isisombululo solawulo esimanyeneyo, esithelekelelwayo nesingafihliyo esiququzelela ufikelelo olulula ekulungiseni iinkqubo-zikhokelo zonikezo ezingonelanga zesebe leendawo zokuhlaliswa kwabantu.</p> <p>INjongo zeSicwangciso</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukuphuhlisa nokujonga kwakhona imigaqo-nkqubo neenkqubo zeeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu ukukhuthaza nokuqinisekisa ufikelelo lwabo bonke kwizindlu ezoneleyo kunye nomgangatho ophuculiweyo lwemo engqongileyo yokuhlala kunye nolungelelwaniso olunempumelelo lwezigqibo zotyalo-mali lwezithuba. • Ukujonga kwakhona, ukungqinelanisa kunye nolungelelwaniso kweSicwangciso seSebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu phakathi kwamacandelo amathathu karhulumente ukukhuthaza ulungelelwaniso olusebenzayo lwezigqibo zotyalo-mali lwezithuba. • Ukuququzelela uphuhliso lweenkqubo-zikhokelo zocwangciso lwesebe leendawo zokuhlaliswa kwabantu; • IziCwangciso zoPhuhliso, zokutsala abo kusetyenziswana nabo kunye nokunika ulawulo lwequmrhu phakathi kwamacandelo karhulumente kunye necandelo. • Licebisa ekuhlanganisweni kweprojekthi, ukuqinisekiswa kobulunga kwaye libonelela ngoncedo kwiKomiti yePotifoliyo. • Ukuphuhlisa kwezicwangciso ze-HS, uphando nohlolo lweenkqubo zeziphumo eziphuculiweyo zesebe leendawo zokuhlaliswa kwabantu.
<p>ICandelo lesi-3: IYunithi yoLawulo lweNkqubo</p>	<p>Injongo: Ukwakha, ukongamela, inkxaso nokujonga ukukwazi kwecandelo leziko namandla okufezekisa iinkqubo kunye neprojekthi zesebe leendawo zokuhlaliswa kwabantu.</p> <p>INjongo zeSicwangciso</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukwakha nokuqinisekisa ukuba nako kweziko kunye namandla okwenza kunye nokufezekisa isebe leendawo zokuhlaliswa kwabantu elitshintshiweyo kunye nojoliso lwezithuba olungcono • Ukuphuhlisa amanyathelo angqingqwa kunye nokuphumeza isebe leendawo zokuhlaliswa kwabantu elizinzileyo, ukunika ufikelelo kwizindlu ezaneleyo kwimo engqongileyo ephuculiweyo yabo bonke • Ukuphumeza iiprojekthi eziqinisekisa ukuhlanganiswa kwezithuba, ezasekuhlaleni kunye noqoqosho • Ukujonga nokuhlola ukwenziwa kunye nofezekiso lweprojekthi kunye neenkqubo zesebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu ukuhlola kunye nokunika ingxelo ngobubanzi bofikelelo kwizindlu ezaneleyo kwizimo ezingqongileyo zokuhlala eziphuculiweyo
<p>ICandelo lesi-4: INKxaso yoPhuhliso lweziNdlu</p>	<p>Injongo: Ukunika inkxaso mali kufezekiso lweenkqubo zesebe leendawo zokuhlaliswa kwabantu ngokungqinelana nemigaqo-nkqubo, uyilo nezicwangciso ezivunyiweyo</p> <p>INjongo zeSicwangciso</p>

	<ul style="list-style-type: none"> • Ukulawula iinkxaso mali zezindlu kunye nesebe leendawo zokuhlaliswa kwabantu (USDG/HSDG) ngokungqinelana neenkqubo-zikhokelo zenkxaso mali ezivunyiweyo; • Ukongamela uyilo lweeprojekthi kunye neenkqubo zesicwangciso sesebe leendawo zokuhlaliswa kwabantu; • Ukulawula uphuhliso olukhawulezayo oluqwalaselweyo kwakhona lwezimali kwizindlu; • Ukongamela kunye nokuququzelela ukuphunyezwa kweeprojekthi kunye neenkqubo zeSebe leNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu; • Ukulawula ukujongwa, ukuhlolwa kunye nohlolo lweempembelelo zeeprojekthi, imigaqo-nkqubo neenkqubo zesebe leendawo zokuhlaliswa kwabantu.
ICandelo lesi-5: I-Ofisi yeGosa eliyiNtloko leziMali	<p>Injongo: Ukongamela ulungiselelo lweenkonzo zolawulo lwemali.</p> <p>INjongo zeSicwangciso</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukulawula kunye nokunika iinkonzo zenkxaso yemali; • Ukunika iinkonzo zolawulo lohlahlo lwabiwo-mali kunye neenkxaso mali xa zizonke; • Ukulawula kunye nokuhlenganisa imiThombo yecandelo.
ICandelo lesi-6: I-Ofisi yeGosa eliyiNtloko leMisebenzi	<p>Injongo: Ukongamela ulungiselelo lwemisebenzi yokusebenza yeendawo zokuhlaliswa kwabantu.</p> <p>INjongo zeSicwangciso</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukongamela ukwandiswa kwemisebenzi yeendawo zokuhlaliswa kwabantu ngeenkonzo zamashishini eenzululwazi ngokwakha ezisebenzayo; • Ukulawula uphuhliso lwamandla obuchwepheshe kwicandelo leendawo zokuhlaliswa kwabantu; • Ukuqinisekisa ukuthotyelwa kolawulo kwisebe kunye necandelo; • Ukunika ulawulo lokongamela kwamaziko ezindlu, kuquka ukuhlola, ukuhlalutya nokuxela ekusebenzeni kwizimali kunye nokungekho kwizimali kunye nolawulo lwequmrhu. .

8. UFIKELELO KWIIREKHODI EZIGCINWE LISEBE

Iirekhodi ezithile, kukhutshelwa ngaphandle iirekhodi ezifumaneka ngaphandle kwesicelo, zifumaneka ngaphandle kokuba wenze isicelo sofikelelo ngokwe-PAIA. Ezinye iirekhodi ezigcinwe yi-DHS kufuneka zixelwe kwi-DIO ngokweenkqubo ezixelwe kwiCandelo le-11 nele-18 le-PAIA.

8.1. IINDIDI ZEEREKHODI EZIGCINWE LISEBE

Iirekhodi ze-DHS zilawulwa ngokungqinelana namagatya omThetho wooVimba beSizwe boMzantsi Afrika, 1996 (umThetho oyiNombolo yama-43 ka-1996). Iindidi zeerekhodi ngezantsi zinikwe ngokungqinelana noyilo lwefayile ye-DH oluvunyiweyo. Ezinye zeerekhodi ezidweliswe kwiindidi ezingezantsi zinokucelwa ngokusesikweni, kodwa ufikelelo kwiinxenye zezi rekhodi okanye kwirekhodi epheleleyo lunokwaliwa ngokusekelwe kumagatya e-PAIA njengoko kuxeliwe kumacandelo elama-33 ukuya kwelama-45.

**Ezifumaneka ngaphandle kwesicelo: lirekhodi ekunokufikelwa kuzo ngaphandle kokuba umntu acele ufikelelo ngokomThetho njengoko kuxeliwe kwicandelo le-15(1)(a) le-PAIA.*

**IiRekhodi EziFumaneka ngeSicelo: lirekhodi ekunokufikelelwa kuzo ngokulandela iinkqubo njengoko kuxeliwe kwi-PAIA iCandelo le-11 nele-18; ufikelelo kwezi rekhodi lunokwaliwa ngokusekelwe kumacandelo elama-33 kunye nelama-45 lomThetho.*

Inombolo	UMxholo	Udidi	Ezifumaneka ngaphandle kwesicelo*	Ezifumaneka ngesicelo*
8.1.1.	INKQUBO-SIKHOKELO YOMTHETHO NELAWULAYO	UmThetho weSebe lezokuHlaliswa kwabaNtu (imiThetho eYilwayo/imiThetho/iMimiselo neziBophelelo zeHlabathi).	Ewe	Hayi
		Utshintsho lwecandelo (uyilo, izincomo, ulawulo lwasekuhlaleni nolotshintsho).	Hayi	Ewe
8.1.2.	UQUQUZELELO KUNYE NOLAWULO	Imigaqo-nkqubo yangaphakathi.	Hayi	Ewe
		Ulawulo lwengozi.	Hayi	Ewe
		INkqubo-sikhokelo yoMgaqo-nkqubo elwa uRhwaphilizo nobuQhetseba.	Hayi	Ewe
		Uphicotho-ncwadi lwangaphakathi.	Hayi	Ewe
		Amanyathelo kunye neengxelo zolawulo lwentlekele.	Hayi	Ewe
		IiNgxelo zoNyaka zeSebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu; iNkqubo-sikhokelo yeXesha eliPhakathi yeSebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu (Human Settlements Medium Term Strategic Framework) (MTSF 2014-2019; amaYilo eziCwangciso, amaYilo okuSebenza oNyaka.	Ewe	Hayi
		Imicimbi yempilo nokhuseleko emsebenzini	Hayi	Ewe
8.1.3.	OKUNXULUMENE NEMICIMBI YABASEBENZI ABAPHATHI	Ulawulo lweposi, imicimbi yokuseka neyolawulo.	Hayi	Ewe
		Izithuba, ingqesho kunye nokutshintshwa.	Hayi	Ewe
		Iirekhodi zabasebenzi/iiFayile zeMpilo nokuPhila kwabaSebenzi	Hayi	Ewe
		Ukugcinwa kwabasebenzi.	Hayi	Ewe
		Ukuphuliswa kwabasebenzi (uyilo, ukuzibandakanya, izakhono kunye neenkqubo zokufunda, inkqubo yokufunda, iibhasari, imali yokufunda, ubudlelane neengxelo).	Hayi	Ewe

Inombolo	UMxholo	Udidi	Ezifumaneka ngaphandle kwesicelo*	Ezifumaneka ngesicelo*
		Uyilo, ukusebenzisa, ulawulo nohlolo (uyilo lwe-HR, izibhengezo, ukusetyenziswa kwekhefu, ixesha elongezelelweyo, imicimbi yasekuhlaleni, imibutho kunye nokuhlangana, kunye nokuphelisa iinkonzo kunye nokuhamba).	Hayi	Ewe
		Ulawulo lokusebenza nophuhliso.	Hayi	Ewe
		Imicimbi enxulumene nemisebenzi kunye nomsebenzi	Hayi	Ewe
		Uyilo lokutshintshwa kwequmrhu kunye neengxelo (uLingano kwiNgqesho; iBatho Pele; ULawulo loTshintsho, iMpilo nokuPhila koMsebenzi)	Hayi	Ewe
		Utshintsho lombutho (uyilo, izincomo, ulawulo lwasekuhlaleni nolotshintsho).	Hayi	Ewe
		Ukunikezela ngamandla/igunya.	Hayi	Ewe
		Imicimbi yokuseka. (iSakhiwo esiNcinane)	Hayi	Ewe
		Imicimbi yokuseka. (iSakhiwo esiNcinane)	Ewe	Hayi
8.1.4.	IMICIMBI YEZIMALI	IiNgxelo zeNkqubo yoCwangciso - mali esiSiseko (Basic Accounting System) (BAS)	Hayi	Ewe
		Uhlahlolwabiwo-mali (Ingqikelelo yeNkcitho yeSizwe yeSebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu).	Ewe	Hayi
		Ukuthobela kwizimali (uNondyebo, uMphicothi-Ncwadi Jikelele, ukuxela kunye neengxelo). -	Ewe	Hayi
		Uphicotho-ncwadi lwezimali.	Ewe	Hayi
		Amabango.(Iintlawulo phakathi kurhulumente)	Ewe	Hayi
		INkqubo yabanamaTyala.	Hayi	Ewe
		Ulawulo lwenkxaso-mali kunye nemali enemiqathango (ulwabiwo, ukudluliselwa kunye nokunika abanye igunya, uhlolo nohlalutyo, ilahleko neengxelo).	Ewe	Hayi
		Imicimbi yebhanki.	Hayi	Ewe
		Ukungangqinelani kwizimali.	Ewe	Hayi

Inombolo	UMxholo	Udidi	Ezifumaneka ngaphandle kwesicelo*	Ezifumaneka ngesicelo*
		Ukungqinelaniswa kwee-akhawunti.	Hayi	Ewe
		Uncedo lwezimali (iminikelo neenkxaso-mali).	Ewe	Hayi
		li-invoyisi, iziteyitimenti kunye neentlawulo.	Hayi	Ewe
		lirisiti ezishicilelweyo.	Hayi	Ewe
		lirekhodi zocwangciso-mali ezongeziweyo.	Hayi	Ewe
		litransekshini zeejenali.	Hayi	Ewe
		Ukuhlolwa kwenkqubo yezimali.	Hayi	Ewe
		Amaphetshana entlawulo.	Hayi	Ewe
		lifom zesixa sesibophelelo setyala, iivawutsha neetsheki zoqiniseko.	Hayi	Ewe
		lirejista (kuqukwa imivuzo, iinvoyisi neentlawulo).	Hayi	Ewe
8.1.5.	ULAWULO LOKUNGENA NOKUPHUMA KWEMPAHLA NEENKONZO	Iziteyitimenti zemali.	Ewe	Hayi
		Imicimbi yolawulo lwelahleko.	Hayi	Ewe
		Amanqakwana okusebenza (iNkxaso-mali yophuhliso ye-HS (HS development grant) (HSDG)	Hayi	Ewe
		UkuFuna nokuFunyanwa (iikoteyishini, amabango nokufumana).	Hayi	Ewe
		liBhidi (Iziphakamiso, ubalulo, upapasho, ulwabiwo neekomiti.	Hayi	Ewe
		Izicwangciso zokuFumana nokuFuna.	Hayi	Ewe
		lirejista (kuqukwa iibhidi, iirekhodi zabaniki ziinkonzo okanye impahla, irejista yeentalwulo, amaphetshana olawulo lokuthathwa kwesitokhwe, i-invoyisi, i-asethi kunye nempahla).		
		li-odolo kunye neentlawulo (iinkqubo, ii-invoyisi, ii-SLA, ukuthathwa kwesitokhwe sempahla (amayilo), izifunyanwayo).	Hayi	Ewe
		ULawulo lwee-Asethi (ulwabiwo, ulondolozo, ukuhanjiswa, uhlobo neengxelo, amaphepha alawula ukuthathwa kwesitokhwe, ii-asethi kunye nempahla).	Hayi	Ewe

Inombolo	UMxholo	Udidi	Ezifumaneka ngaphandle kwesicelo*	Ezifumaneka ngesicelo*
8.1.6.	IINKONZO ZOKUHAMBA NEZOTHUTHO	Ihambo zasekhaya nokuhamba.	Hayi	Ewe
		Isithuthi (esiqeshiweyo kunye nesikarhulumente).	Hayi	Ewe
		Amaphetshana anolwazi ngeenkono.	Hayi	Ewe
8.1.7.	ULAWULO LWEZIBONELELO	Izakhiwo, imiHlaba neePropati (ukuchongwa kweemfuuno noHlaluty, ucebo noYilo, ukufunyanwa kunye neNgqesho yee-ofisi kunye neendawo zokuhlala ezisemthethweni, ulwabiwo, ulondolozo nokubekwa ecaleni).	Hayi	Ewe
		Izixhobo kunye nezinye izibonelelo (into ehlelwa ngokuba "ezinye izibonelelo" (ukufakwa, ukulungiswa nokulondolozo).	Hayi	Ewe
		Ukujongwa kunye nokulondolozwa kwamandla ombane (Ucwangciso, ulawulo, uhlobo kunye neengxelo).	Hayi	Ewe
		ISivumelwano seNqanaba leNkonzo, uLondolozo, ukuJonga nokuHlola (iiNkonzo zoMbane, ukuTywina, uLawulo lweziTshabalalisi, iiNkonzo zoCoceko nezokuCoca).	Hayi	Ewe
		UkuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi (iIngxelo zeCandelo lama-32; iNcwadi ye-PAIA, uluhlu lweCandelo le-15).	Ewe	Hayi
8.1.8.	IINKONZO ZOLWAZI	Ulawulo lolwazi.	Hayi	Ewe
		Iincwadi ze-PAIA	Ewe	Hayi
		Ulawulo lwethala lencwadi.	Hayi	Ewe
		Ulawulo lweRekhodi (UYilo lweFayile, ishedyuli yeerekhodi ngaphandle kweefayile zeMbalelwano, utshintsho, ukuhanjiswa, iingxelo kunye neerejista zerejistri).	Hayi	Ewe
		Ulawulo lokhuselo	Hayi	Ewe
		Imicimbi yempilo nokhuseleko emsebenzini	Hayi	Ewe
		Izicelo eziNgqongwe i-HSS (iNkqubo yeNkxaso yeziNdlu, iRejista yeeMfuno zeziNdlu yeSizwe kunye noVimba weNkcukacha weNkxaso yeziNdlu)	Hayi	Ewe

Inombolo	UMxholo	Udidi	Ezifumaneka ngaphandle kwesicelo*	Ezifumanek a ngesicelo*
		Ulondolozo, iiNkonzo zeNkxaso noQeqesho ezinikwa amaSebe eeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu ephondo		
		Iinkonzo zokuPhuhlisa nokuXhaswa kwezaKhiwo kwiSebe leSizwe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu	Hayi	Ewe
		IINKqubo zoLwazi neziCelo ezixhasa inkqubo kunye neenjongo zokusebenza zeSebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu lweSizwe.	Hayi	Ewe
8.1.9.	UNXIBELELWANO	Isicwangciso sonxibelelwano.	Hayi	Ewe
		Ilogo/umfuziselo weSebe.	Hayi	Ewe
		Iziko lomnxeba elinceda abaxhasi kunye nemicimbi yomnxeba kamongameli.	Hayi	Ewe
		Ukukhutshwa kweendaba ziye kubachola-choli bazo.	Ewe	Hayi
		IiProfayile zikaGunyaziwe weSigqeba	Ewe	Hayi
		ImiSitho, amaphulo, ukwaziswa kunye neenkqubo zokupapasha (kuqukwa iintetho zikaMphathiswa kunye noSekela Mphathiswa kunye neefoto.	Ewe	Hayi
		UShicilelo lweSebe; iiBrosha; iiNcwadana zabaSebenzi, iiMagazini neePosta.	Ewe	Hayi
		Amathuba oqoqosho adalwe liSebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu (ngeelwimi ezili-11 ezisemthethweni).	Ewe	Hayi
		IiNkqubo kunye neeNkxaso zeeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu (iilwimi ezisemthethweni ezili-11).	Ewe	Hayi
		Incwadi yeminyaka engama-20 yeeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu.	Ewe	Hayi
		UHlolo lwezeeNdaba lwe-DHS (likopi zeziCatshulwa zeeNdaba zeentengiso zezeendaba/iiKopi zezintlu zikamabonakude BNG ezisasazwa ku-SABC 2).	Ewe	Hayi
		Iphepha lengcaciso nkqubo kwezokuhlaliswa kwabantu.	Ewe	Hayi
		IziVumelwano zasekuHlalani kuPhuhliso lweSebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu	Ewe	Hayi
		IDayari yeQumqu yeSebe leeNdawo zokuHlaliswa kwabaNtu	Ewe	Hayi
		Isikhokelo sokuba neNdlu eXhaswa nguRhulumente.	Ewe	Hayi

Inombolo	UMxholo	Udidi	Ezifumaneka ngaphandle kwesicelo*	Ezifumanek a ngesicelo*
8.1.10.	IINKONZO ZOMTHETHO	Ukuqeshwa kweengcali zomthetho.	Hayi	Ewe
		Nezimvo zomthetho.	Hayi	Ewe
		Amabango, ukuthinjwa nezibheno.	Hayi	Ewe
		Utshutshiso kuqukwa amaxwebhu okumangalelana ngokomthetho.	Hayi	Ewe
		likontraki, izivumelwano phakathi kwamaqela amabini okanye ngaphezulu kunye nezivumelwano zenqanaba lengqesho.	Hayi	Ewe
		UmThetho weSebe lezokuHlaliswa kwabaNtu (imiThetho eYilwayo/imiThetho/iMimiselo neziBophelelo zeHlabathi]	Ewe	Hayi
8.1.11.	IINTLANGANISO, UKUZA KUNYE NOKUSINGATHA IINDIBANO	Ulawulo, iqumrhu lephondo kunye neentlanganiso zequmrhu zecandelo (kuqukwa, ukonyulwa kwabantu abakwiphaneli abacebisa umphathiswa, ulungiselelo, ii-ajenda, imizuzu kunye neengxelo).	Hayi	Ewe
		IRekhodi eza kuSetyenziswa yeKhabhinethi	Hayi	Ewe
		IKomiti yePotifoliyo kunye nemibuzo/iimpendulo.	Hayi	Ewe
		IiMpendulo eziVunyiweyo ePalamente.	Ewe	Hayi
8.1.12.	UKUJONGA UHLOLO KUNYE NOHLOLO LWEEMPEMBELELO	Ukujonga uhlolo kunye nemicimbi yenkqubo yohlolo lweempembelelo.	Hayi	Ewe
